**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**UHLELO OLUPHANTSI**
**(Iphepha Lokuqala)**

**IXESHA : 2 iiyure**

**AMANQAKU: 75**

---


**QAPHELA**:

- Eli phepha linamacandelo mathathu A, B no C.
- Nceda uphendule yonke imibuzo kwicandelo ngalinye

---

## ICANDELO A
### UMBUZO 1

Fundisisa esi sicatshulwa usiqonde, uze uphendule imibuzo elandelayo:



## "NATHI SINGABANTWANA BAKHO"

Ngokuya lusondela usuku lwembizo yama "Mpondomise omthonyama" uZwelinzima lamphatha ixhala kuba UVukuzumbethe wasuka wabonakalisa ukungonwabi, wanegama amana ukulithetha elithi akazi ukuba angasuka enzeni na ukunqanda le mbizo; ukuba ebenamandla ngeleyichitha mpela. Kodwa isizathu wayengasixeli kuZwelinzima.

Yaba bubugqwangu Komkhulu mhla ngembizo yama "Mpondomise omthonyama" kuba amakhumsha ayembalwa kweli bandla, inkoliso izihlambe kunye neenkosana zawo mhla kwathukwa amaMfengu. UDingindawo wayesel' emcelile uZwelinzima ukuba ayeke sigcinwe nguye isihlalo kuba nguye oza kukwazi ukuphatha "le mpi yembola." Kodwa inyaniso kukuba wayefuna ukufihla intloko, lungaziwa uluvo lwakhe. Enye into wayewazi amadoda aza kuyicikozela le nto, efuna ukunika wona ithuba.

Wayivula imbizo ngokuthi, "MaMpondomise, ndiyathemba ukuba namhlanje siza kuba nembizo ezole kakuhle, kuba lo mbutho ulapha ndiqinisekile ngewungayilwelanga kangaka le mbizo ngaphandle kokuba unezinto ofuna ukuzicokisa ukuzithetha. Inkosi ke namhlanje iyanivulela elo thuba, yaye inqwenela ukuba nithethe ningoyiki nayiphi na into, kuba iyakunqwenela kakhulu ukulwazi uluvo lwenu. Ke mna ndinicebisa ukuba nizibonakalise ukuba isiko lakwaNgwanya lilapha kuni. Nizole, nindileke kude kube sekupheleni. Ndiyanivulela."

Wathi ehlala uDingindawo wabe esuka uMabhozo esithi, "Mntwan' oMhle, Mntwan' eNkosi, nomzi wakho, silapha nje namhlanje size kuzikhalazela kuMhlekazi. UNgwanya wazala amawele, elinye iwele walinxiba iibhulukwe, elinye walambathisa ingubo ezibomvu. Eli wele lineebhulukhwe liyathandwa kokwalo kuba lifana noyise, kanti eli libomvu asazi nokuba lingumgqakwe na, kuba nokuba selikhala, izwi lalo aliviwa; ligqunywa leli lomntakwalo, kubonakale ke ukuba liza kufel' embelekweni. Alikade liqhawuke ke noko kuba nali likhala nanamhlanje. Isikhalo nasi ke, Mntwan' eNkosi, inimba mayibe nye." Wahlala phantsi.

Wabuza uDingindawo ukuba umzi uyahamba na nentetho kaMabhozo. Lavuma ibandla ngamxhelo mnye. Wacela ke ukuba inkosi ityetyiselwe, ive esona sikhalo ukuba yintoni na.

Thwasu kwaoko uJongilanga, "Ndiyahamba nendawo yokutyebisela umzi, kuba kaloku mna ndingulo ungakwaziyo ukukwesa. Mntwan' eNkosi, siyakhala. Isikhalo sethu sidala kangangokuba amazwi selatsha. Ndiza kuphind' emva, ekufikeni kwakho kulo mhlaba kayihlo.

"Indawo yokuqala yeyokuzeka kwakho. Wafika apha ulindelwe ngumyolelo kayihlo. Umyolelo yintw' enkulu ke kuthi. Kodwa wena wahamba nabanye beebhulukwe. wawutyeshela loo myolelo. Akwaphel' apho – akwaphela apho, Mntwan' eNkosi. Uphinde walilahl' isiko ngokwala ukuzekelwa intombi yegazi sisizwe, wemka nomsinga wamakhumsha, wazeka intombi yawo – nantombi umnt' omnyama. He-e-e!

"Kuthe thaa kuthi mhla yafik' intombi yasemaZizini ukuba uNgwanya unewele elingumgqakhwe, kuba nimeme zonke iindidi zamakhumsha, zaman' ukuza kuhlala Komkhulu, nada namema nabafazi namakhwenkwe neentombi nabantwana bamakhumsha. Kodw' abethu abantwana akuzang' ubabone ngaphandle kwaphaya ezingqaqeni xa ugqitha ngendlela.

"Ndigqith' apho. Ngeny' imini sibone ngesihandiba semoto oyithengelwe ngamakhumsha *ngasese.* Saxakwa ke thina ukuba xa inkosi ithengelwa imoto, yini na ukuba sifihlelwe, nathi singabantwana bayo nje. Sesiyibona ke phofu ngoku injongo yaloo nto. Le moto yayithengelwa ukuba inkosi ithinjwe kuthi, ithi naxa iya ezimbizweni neli wele lifana nalo, singabi nalo thina ithuba lokuyiphahla ngokwesiko, kuba kaloku singumgqakhwe.

> "Ukuzalwa kukaZululiyazongoma sive sekusithiwa nantso inkosikazi ebeLungwini eNgcolosi. Loo mntwana wazalelw' apho. Asazazi nezandl' ezamphatha-phathayo ukuzalwa kwakhe; namasiko akowethu akazanga enziwe kuye, kanti silindele ukuba uza kusiphatha ngomso. Nasekubuyeni kwakhe asizanga sive ukuba wenziwe masiko, kuba wath' uyihlokazi mhla wayikhankanya loo nto, wasuka unina wafun' ukumdla ngamazinyo uyisezala, wasongela ukumfaka entolongweni.
> "Naloo mntwana wathinjw' ezalwa, kuba sabona ngenqwelwana ayiphiwe ngamakhumsha *ngasese,* singaxelelwanga thina.
>
> Ingqumbo yeminyanya: A.C. Jordan

Phendula ke ngoku:

1.1 Khawuchophise ngokupheleleyo eyona ngxaki idl' umzi kwesi sicatshulwa. (2)

1.2 (a) Xela igama lendoda eyayingonwabanga apha kwesi sicatshulwa. (1)

(b) Nika umnqweno wayo koko kungonwabi kwayo. (2)

1.3 Yayintoni injongo kaDingindawo xa wayecela uZwelinzima ukuba amgcinele isihlalo sakhe? (2)

1.4 Leliphi elinye igama ayebizwa ngalo amaMpondomise omthonyama, wona amakhumsha ayebizwa ngeliphi? (2)

1.5 Nika igama lomzukulwana wasebukhosini kunye nendawo azalelwe kuyo. (2)

1.6 Veza iindlela zibe mbini athi unina womntwana wazibonakalisa xa wayexelelwa ngokuba umntwana kenziwanga siko akuzalwa. 2 x 2 = (4)

1.7 Dandalazisa izikhalazo zibe zi-5 ezabekwa nguJongilanga kwinkosi. Sibhale ngokupheleleyo isikhalazo ngasinye ukuze ufumane onke amanqaku. 2 x 5 = (10)

**AMANQAKU ECANDELO A: [25]**

## ICANDELO B
### UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa usicokise, uze usishwankathele ngamagama angama-20.

> **Bazali! Amaxesha ngamanye**
>
> Namhlanje umzi oNtsundu umi nematha. Woba ngangena kulo umzi ufike abazali benezingqala. Isikhalo sinye sesokuba abantwana beli xesha abeva, banenkani, benza unothanda. Abazali baxakene nenzala yabo ngenxa yokungavisisani ngezimvo malunga nezinto ngezinto zobu bomi. Abantwana bayazihleka iingcebiso eziphuma ebazalini kanti nabazali kwelabo icala bazithatha njengobuvuvu izizathu ezibekwa ngabantwana. Abantwana bangoku aboyiki ngokoyikiswa; ngamadela-kufa angamatsha-ntliziyo. Abazali bayakhala bathi kwakungenje ngelabo ixesha.

Kumaxesha angaphambili kwaXhosa, kusalawula isiko nesithethe, intetho yomzali ibingaphikiswa ngumntwana. Umntwana ubeyazi kakuhle indawo yakhe kungenakubakho mpazamo nambhidane. Umntu omdala ubenolwazi oludlula olo lomntwana ngento yonke. Le meko ibibangela ukuba umntwana axhomekeke emzalini ngayo yonke into. Inkwenkwe ibisaziwa njengenja, nayo iyamkele loo nto. Nantoni na engatshongo khona ibilindelekile enkwenkweni. Imicimbi edla umzi ibixoxelwa komkhulu ngamadoda ngomhla wembizo, abafazi nabantwana bengangeni ndawo.

Loo maxesha akudala adlula kwaye akubonakali ngathi angabe aphinde abuye. Sithi mazilale ngenxeba ezo ngwevu nezo ngwevukazi zasoloko zathetha ngawo xa zibona okanye zisiva amasikizi enzekayo namhlanje. Siphila ngoku kumaxesha empucuko. Impucuko yaseNtshona ingene yade yendela apha kuthi maXhosa. Siphulukana namasiko nezithethe zethu sijongile egameni lenkqubela-phambili. Intlalo kaXhosa yemveli ingxengwe yade yangxengeka. Ifuthe lempucuko lisifuthe elufokothweni siseziimveku. Luzalelwe empucukweni ulutsha lwangoku, ngako oko alwazi ntlalo yimbi.

Yinyaniso engenakuphikiswa into yokokuba ngumsebenzi womzali ngamnye ukukhulisa umntwana wakhe ngendlela efanelekileyo neyamkelekileyo. Leyo indawo ingqinwa lihlabathi liphela. Yiyo le nto wofika umzali exelela umntwana le nale malunga nendlela yokuziphatha.

*AMAXESHA NGAMANYE SISINGISE PHI: NGU YEKELA*

**AMANQAKU ECANDELO B: [10]**

## ICANDELO C
### UMBUZO 3

3.1 Fundisisa kwakhona esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo ebuziweyo:

> Kuye kwacaca ukuba eli theko lalivumile, kuba amadoda angqengqa ngasebuhlanti aqala ukuvungula. Amanye akhe abuzana ngale mbongi. UVayivayo wasuka waphoxisa ngokwesiqhelo kuba kaloku intombi kaLudiza yayiqala ukubila emathunjini.
>
> "Hayi madoda musani ukudlalisa ngomntwana kaSokhehle, kuba kothi kanti Uhanjelwa ngamawabo emathongweni." Laphendula latsho ixhego lasemaNgqosinini. Incoko inge iyafudumala seyibaselwa nayiloo nto kwakuthe kwathotywa ngayo.
>
> Umnqa waba kukuba nabafazi kwelabo icala babeyigwadla le nyewe yale mbongi. Ezinye iintokazi zada zaphukaneka zathi. "Inene amadoda la anesiko **elibi** eli lokuthi umntu uthetha ange ushiywa ziingqondo."
>
> Kambe lithe lakufika ixesha lokuchithakala, bonke abantu bagoduka incoko ngoku seyinge cimbi omwakwaSangxa kuphela. Imbongi yona ivuke sebemkile bonke abantu, yazolula, yathimla, yacothoza kuhle ukuya kowayo. Noko lo mfo ngathi wayefikelwe yinto angayaziyo.
>
> Kwanjengezolo abantu baya ngokwemisebenzi yabo yesiqhelo. Ngeli xesha owona msebenzi owaye ubalasele yaye ingowokulinda amazimba. Kwaye kufanelekile ukuba kube njalo kuba njalo kuba amasimi ayekufuphi naloo mahlathi eentlambo zeGqaka kanye kufuphi elwagcibeni.
>
> Phakathi kwabantwana abaye besenza lo msebenzi kwaye kukho nentombi kaMhlakaza, uNongqawuse. Kwalaa mbongindini **yayizolo** ithe ihamba ngendlela edlula kuloo masimi isinga eChebe suka yaphawula ukuba phaya ngaselwagcibeni kukho umbono **ongaqhelekanga**. Yabona uNongqawuse intombi kaMhlakaza ethetha nabantu abasuka bafana nemishologu kuyo. Ithe izama ukusondela basuka bathi shwaka baphela emehlweni.
>
> Yaba noloyiko le mbongi, yasuka yangayazi nemayiqale ngayo. Yayingaqinisekanga nokuba kungayilungela na xa inokubuza uNongqawuse lowo ngokwakusenzeka ngaloo mzuzu, yasuka yayindidi nje. Ekugqibeleni ucinge ukuba akhe ayigqithisele kwenye yeenkonde eyayithembe ukuba iza kuza nesisombululo sale nyewe. Inkonde yona yacebisa ukuba mabakhe balinde uNongqawuse lowo, hleze kukho aza kude akubike kubo njengabantu abadala.
>
> T.A.Ndungane – Ngxatsho ke Lawundini.

3.1.1 Yonyula/ khetha isimelabizo sibe sinye sodidi ngalunye olunikiweyo.

| Udidi | Isimelabizo |
|---|---|
| • esokwalatha/sokukhomba | |
| • esoqobo | |
| • esoquko | |
| • esogxininiso | |

(4)

3.1.2 Ezi zimelabizo uzikhethileyo, zisebenzise kwizivakalisi ezingezizo ezikwisicatshulwa uphuhlise umsebenzi wazo. (4)

Tyhila

3.2 Kumqolo – 14, kukho isihlomelo. Sikhethe uze uxele udidi lwaso.

Cwangcisa ngolu hlobo.

| isihlomelo | udidi |
|---|---|
| | |

(2)

3.3 Sebenzisa la mabinzana kwizivakalisi zakho ukuphuhlisa intsingiselo yawo:

- ukushiywa zingqondo.
- ukuphela emehlweni.

(2)

3.4 Khangela amagama apha kwisicatshulwa anokuthi abe zizichasi zala alandelayo:

- ukuqokelela.
- ukuphakanyiswa.
- iyabanda. 1 x 3 = (3)

3.5 Sebenzisa ke ngoku la magama uwanikiweyo ku 3.4 kwezakho izivakalisi eziveza ngokupheleleyo intsingiselo yawo. (3)

3.6 Isenzi u-'hamba', ukwixesha langoku kwimo emfutshane. Khawumsebenzise kula maxesha alandelayo:

3.6.1 kwixesha langoku kwimo ende.
3.6.2 kwixesha elidlulileyo.
3.6.3 kwixesha eladlulayo.
3.6.4 kwixesha elizayo. 1 x 4 = (4)

3.7 Kumqolo wesi-3, kukho isenzi u'waphoxisa' esikwisixando sokwenzisa. Siguqule sibe kwezi zixando zilandelayo:

- kwisixando sokwenzeka.
- kwisixando sokwenzana.
- kwisixando sokwenzela. (3)

3.8 Xela amahlobo ezenzi abonakaliswa zezi zenzi zilandelayo:

3.8.1 <u>Ukuvungula</u> amazinyo xa agqiba ukutya kuyimpilo.
3.8.2 <u>uyafudumala</u> umntwana xa afaka iinyawo emanzini. (2)

Cwangcisa ngolu hlobo.

| Isenzi | Uhlobo |
|---|---|
| | |

3.9 Veza inguqulelo-zandi ebonakaliswe kwezi zenzi zilandelayo:

3.9.1 uhanjelwa.
3.9.2 kwathotywa.

Cwangcisa ngolu hlobo:

| isenzi | inguqulelo-zandi |
|---|---|
| | |

(2)

3.10 Nika ihlelo lesibizo imbongi

3.10.1 Cwangcisa ngolu hlobo:

| isibizo | ihlelo |
|---|---|
| | |

(1)
**[30]**

**UMBUZO 4**

4.1 Lungisa iziphene ngokuthi ufakele iziphumlisi, oonobumba, ulungise nolwimi.

ndandingamazi ukuba ukho apha egoli unondi sabona epaki xa sibuya emsebenzini akazange akwazi ukuzibamba xa endibona wayephatha kuthwala izandla entlokweni okanye azibeke emlomeni esuke wayindindi nje wandibalisela ngempatho mbi yakhe emva kokubhubhelwa ngunina nalapho ahlala khona esoweto woyika ukugebenga ngootsotsi

½ x 20 = **[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: [40]**

**AMANQAKU EWONKE: [75]**